

## Everything you need to know about Makhanda ECD Activities

The law says children have the right to education and to play\*. "Play is not an "optional extra" - it is essential in children's lives" and learning. During this lockdown period we'd like to encourage and support parents and caregivers, as a child's first and most important teacher to take on the challenge.

The materials provided are locally sourced and designed to develop your child's early literacy skills.

### EARLY LITERACY SKILLS

Print Motivations: I love books  
Vocabulary: I know words  
Narrative Skills: I tell stories  
Phonological Awareness: I hear sounds  
Print Awareness: I see words  
Letter Knowledge: I know my ABCs

## The approach...

### Reading

Demonstrate (model) good use of language to your child by reading often. **Encourage lots of talking** - ask questions!

What do you think think will happen next? What do you see in the picture? Why did...?

### Activities

While doing the activities allow your child to complete the task as **independently** as possible. Use **encouraging phrases** to keep them engaged longer!

### Movement

All activities provided help **develop core motor skills** needed for literacy, such as hand-eye coordination, crossing the midline and direction (among others). **Let your child master it.**

### Rhymes

The rhymes we've provided are different in all three languages. All of them are simple enough to try learn them all if you want to! The aim of rhymes is to **develop your child's rhythm and memory** (for formal reading later on in their schooling).

### ENCOURAGING PHRASES

Good Job!  
I like the way you are trying.  
I like your idea...  
Keep going...  
You are on the right track...  
Your work is great! Keep it up!



**Join Here!**

This is an initiative of Rhodes University Community Engagement

For more information visit [www.ru.ac.za/CommunityEngagement](http://www.ru.ac.za/CommunityEngagement)

RUCE: Rhodes University Community Engagement

For suggestions, comments and queries contact [atalbot@ru.ac.za](mailto:atalbot@ru.ac.za) or Group Admin

STORIES FROM NALI'BALI [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org)

ACTIVITIES FROM WORDWORKS [www.wwhomerliteracy.org.za](http://www.wwhomerliteracy.org.za)

**Cxotha i-Covid-19**  
A RHODES UNIVERSITY COMMUNITY ENGAGEMENT CAMPAIGN

\*THE UNITED NATIONS CONVENTION ON THE RIGHTS OF THE CHILD (UNCRC) (& OTHER LEGISLATION) DOCUMENTS THIS IN ARTICLE 28 AND 31 RESPECTIVELY.

## Umngcwabo kangwenya

Zonke izilwanyana zazisazi ukuba uNgwenya unemfumba enkulu yegolide emzini wakhe, kodwa akakho owakhe wayibona kuba uNgwenya wayenolunya kwaye ekhohlakele. Wayeza kuzileqa azilume ngamazinyo akhe abukhali. Ngosuku olushushu lwasehlotyeni, uNkawu wayephumile ehamba-hamba emlanjeni waze wabona uNgwenya engqengqile egcakamele ilanga. UNkawu, owayeqaqadekile, wachola intonga waze wahlokhola uNgwenya ecaleni emzimbeni wakhe. UNgwenya zange ashukume, waphinda wamhlokhola uNkawu.

"Ngokuqinisekileyo ubhubhile," watsho uNkawu. Wabaleka waya kuxelela ezinye izilwanyana. Zonke izilwanyana zafika emngcwabeni kaNgwenya. Zema zijikeleze umzimba wakhe zithetha. Zazifuna ukuqonda ukuba ngubani oza kufumana imfumba enkulu yegolide kaNgwenya. Zonke zaziyifuna igolide, kakade, kodwa umthetho wasemathyholweni wawusithi igolide yezelamane zikaNgwenya. Ingxaki yayiyileyo - akukho mntu wayesazi ukuba ngoobani

izalamane zikaNgwenya eziphilayo. Ngoko ke uFudo olumkileyo wabiza intlanganisano enkulu ngasemlanjeni ukuze kufunyaniswe oko.

Okokuqala iintaka, ngeentsiba zazo ezimibala-bala namazwi azo amnandi, zasukuma zathetha. "Ngokuqinisekileyo sizizalamane zikamama wethu esimthandayo uNgwenya," zacula kunye. "Nangona uNgwenya wayengemhlanga njengathi, ebebekela amaqanda amakhulu esantini. Sikufanele ukufumana imfumba enkulu yegolide." Zakhwaza ezinye izilwanyana, "HAYI-I-I!" zaze zahlala phantsi iintaka. "Yinyaniso engenakuphikiswa leyo," watsho uFudo. "UNgwenya ebebekela amaqanda amakhulu esantini. Ingaba ukhona omnye onento yokuthetha?"

Uhlanga lwamacilikishe lwasukuma, lwafuthela iintaka. "Ngamampunge lawo" yatsho inkokheli yamacilikishe. "Ndazi amacilikishe amaninzi nawo azalela amaqanda, kodwa thina asizontaka kwaphela. UNgwenya ebelilungu lohlanga lwethu ngenxa yesikhumba sakhe esinamaxolo. Sikufanele ukufumana imfumba enkulu yegolide."

Zakhwaza ezinye izilwanyana, "HAYI-I-I!" aze ahlala phantsi amacilikishe. "Yinyaniso engenakuphikiswa leyo," watsho uFudo. "UNgwenya ebenesikhumba esinamaxolo. Ingaba ukhona omnye onento yokuthetha?"

Kwabakho umtshizo ophuma emlanjeni, kwaze kwatakela ngaphandle kwamanzi iintloko ezine ezizuba. "Asikhathali yinto yokuba yena ebezalela amaqanda, okanye kukuba ebenesikhumba esinamaxolo," itshilo intlanzi. "Sinamaxolo nathi, kwaye besiqhele ukubukela uNgwenya equbha phantsi kwamanzi yonke imihla. Ebeyintlanzi, njengathi. Sikufanele ukufumana imfumba enkulu yegolide." "Owu hayi, asiyonyaniso leyo," yatsho inkokheli yamacilikishe. "Mjonge ngoko elele phaya. Unemilenze emine. Ndibonise intlanzi enemilenze emine." "Kodwa ebequbha," yatsho intlanzi.

"Khanimeni!" watsho uBhadi. "UNgwenya unemilenze emine. Wonke umntu kuhlanga lwamabhadi unemilenze emine, ngoko ke ngokuqinisekileyo ebelibhadi. Sikufanele ukufumana imfumba enkulu yegolide." Kodwa anizaleli maqanda," zacula iintaka.

## UDaisy Omangalisayo!

Kudaladala kwifama encinane eyayikufutshane nelali encinane, kwakuhlala intshontsho lenkukhu elibizwa ngokuba nguDaisy.

"Xa ndimdala, ndifuna ukubhabha ndintengele phezulu esibhakabhakeni," kwatsho uDaisy.

Kodwa amanye amantshontsho asuka amhleka.

"Uyamangalisa ngokuba neminqweno nezimbo ezingaqhelekanga," atsho amanye. "Sobe siphinde sidlale nawe thina."

"Daisy, sonke siyakwazi ukubhakuzelisa amaphiko ethu, kodwa kuzima kakhulu ukuba iinkukhu zibhabhe,"

uMama watsho xa exelela uDaisy.

Kodwa uDaisy wayengafuni kuncama.

Yonke imihla wayezama ukuziqeqesha eyedwa, abhakuzelise amaphiko akhe.


Bhaku, bhaku, bhaku - wayebhakuzelisa amaphiko akhe, kodwa wayengakwazi ukuntinga asuke emhlabeni.

Xa wayemane ezama, wayenomfanekiso-ntelekelelo wakhe ebhabha entingela phezulu esibhakabhakeni ejonge amanye amantshontsho asezantsi emhlabeni.

Wayenomfanekiso wakhe entingela phezulu, edlula ezingqabeni asezinkonjaneni.

"Yho!" zazizakuvakala zisitsho iintaka. "Intshontsho lenkukhu elibhabhayo!"

Kwaqhubeka ke ... bhaku, bhaku, bhaku - uDaisy wayebhakuzelisa amaphiko



Nozizwe Herero • Siya Masuku • Leona Ingram

akhe yonke imihla.

Wayebhabha nje umzuzwana asuke emhlabeni, kodwa aphinde awele phantsi.

"Soze ndikwazi ukubhabha!" walilela kuMama uDaisy.

"Amanye mantshontsho anyanisi!"

"Daisy, wohlukile wena kwamanye amantshontsho enkukhu. Ona akafuni kubhabha, kodwa wena uyafuna!"

Ungakwazi ukubhabha," watsho uMama.

Ngosuku olulandelayo uDaisy wakhwela phezulu, kwihoko yeenkukhu waze - bhaku, bhaku, bhaku - wabhakuzelisa amaphiko akhe.

Wabhabela emoyeni ebhakuzelisa amaphiko akhe ... waphindelela ebhakuzelisa amaphiko akhe ... waphinda kwakhona wabhakuzelisa amaphiko akhe waze ...

... tyhini, nanko eqhubeka ebhabha engaw!

Umoya ophantsi kwamaphiko akhe waya usanda ngokwanda waze wamfukulela phezulu ze wabhabela entinga esiya phezulu nangakumbi!

lingqabe kunye neenkonjane zathi, "Saza sawubona umhlola! Nantso inkukhu ibhabha!"

Ngoku namanye amantshontsho enkukhu ayengwenela ukubhabha njengaye.

Athi, "Owu Daisy, uyamangalisa!"

linkukhu azikwazi kubhabha!"

Kodwa ngosuku olulandelayo uDaisy wakhwela wenyukela phezulu nangakumbi, enkcochoyini karontabile

Bhaku, bhaku, bhaku - uDaisy wabhakuzelisa amaphiko akhe.

Wabhabela emoyeni ebhakuzelisa amaphiko akhe ... waphindelela ebhakuzelisa amaphiko akhe ... waphinda kwakhona wabhakuzelisa amaphiko akhe waze ...

... tyhini, nanko eqhubeka ebhabha engaw!

Umoya ophantsi kwamaphiko akhe waya usanda ngokwanda waze wamfukulela phezulu ze wabhabela entinga esiya phezulu nangakumbi!

lingqabe kunye neenkonjane zathi, "Saza sawubona umhlola! Nantso inkukhu ibhabha!"

Ngoku namanye amantshontsho enkukhu ayengwenela ukubhabha njengaye.

Athi, "Owu Daisy, uyamangalisa!"



uNgwenya bengawatwezanga ngoko amehlo.

"Kwatsho kwabhetele," watsho UNgwenya. "Kanene nonke nifuna igolide yam, ingaba kunjalo? Kulungile, okokuqala, ndinqwenela ukufumana isidlo sasebusuku nezalamane zam eziphilayo. Ngoko ke ngubani ofuna ukusala ukuze atye ukutya okumnandi?" wabuza uNgwenya ekhutha imilebe yakhe.

"Iintaka zizalamane zakho," yatsho intlanzi, iqubhela kude ngokukhawuleza. "Owu hayi, ngamabhadi," zatsho iintaka zibhabha zisiya kuthi ngcu phezulu emithini. "Anemilenze emine." Kodwa uhlanga lwamabhadi lwaluselunyamelele emathyholweni. "Kulungile," atsho

amacilikishe, "ngoko kushiyeke thina sodwa. Uze unceda, ungasityi torho, Ngwenya."

"Ukunitya?" watsho uNgwenya encumile. "Ndingazityela ntoni izalamane zam? Hayini bo, macilikishe. Masihambeni siye kwisidlo sasebusuku."

Ngoko ke amacilikishe alandela uNgwenya aya endlwini yakhe, apho bafika batya ikeyiki yemarula basela namanzi amnandi asemthonjeni, bababaliselana okuhlekisayo behleka kwade kwarhatyela.

Kanti ukususela ngaloo mini, zonke izilwanyana zaba nolwazi lokuba amacilikishe azizalamane zenene eziphilayo zikaNgwenya, kwacaca ukuba mhla wabhuhba, ngawo aya kufumana imfumba enkulu yakhe yegolide.